I Mbongi ye Sizwe-jikelele: *Imvo Zabantsundu* (22 February 1927), page 3

**"1927"**

Isifundo nge Ngqungqutela yaba Postile e Yerusaleme. Zenzo XV. "Pofu nimlingela nina u Tixo ngoku beka idyokwe entanyeni yabafundi, esibe singenamandla okuyitwala tina kwa nobawo beta? Zenzo XV: 10.

Mhleli nani bafundi,—

Nonyaka nje ndinqwenela ukutsalela ingqondo zenu kwimbambano enkulu ekoyo, pakati kobu Krestu nama Siko obuzwe, nezitete, nemikwa, nenkolelo, nemiteto nezimiselo zobuhlanga.

Ngo 1926 ndibandezele kakulu ekutini: "Yikani iveyini nise kwinjoli! Kekaloku ndiyaqonda noko ukuba anikuba nako ukuya hlula iveyini ebubu Krestu cace, pakati kwezitete, namasiko, nemi kwa nenkolelo zobuhlanga baba fundisi bokuqala abaye betunywa yi London Missionary Society nezinye i Mbuto ze Lizwi zase Yuropu; ezati kanti ziweiawela ilwandle nge Iwandle nje, azihambisi Krestu yedwa, zipeta yonke imfungumfungu yakomawazo yobuzwe, zifundisa yona ezintlangeni, nasezizweni.

Izizwe ke, ngakumbi ezi zise Afrika, zihamba zikamfula lomququ uzezo zitete, zibushiye ubu Krestu zinga bucukumisanga nangoc[i] kicane, kuba yeyonanto iveliswe nje ngempondo, kwa kuliswa amasiko la.

Isipumo ke salonto kukusuke abantu bazaliswe yinkolo yokuba ubu Krestu obu bungumtwalo onzima ngokoyikekayo, abe u Krestu eyipikalonto, exela mhlope ukuba: "Idyokwe yam imnandi, nomtwalo warn ulula." Mat. 11.30.

Namhlanje ke ndinika isifundo nge ngqungqutela yaba Postile eyayimenyelwe e Yerusalem ngaba Postile,—make nditi yi "Jerusalem Missionary Society." Yona yabona mhlope okokuba ayinako ukumhambisa u Krestu kunye nezitete, namasiko, nemikwa, nenkolelo, kwe nemiteto nezimiselo zobu Yuda kwezinye intlanga; yaza ke ngoko yakupa umpokotshela wencwadi eya kuma Bandla azezinye intlanga; incwadi leyo yanikelwa abanye aba Postile, ukuba bayipate, bahambe becacisa nangomlomo, bexelela abezinye intlanga ukuba zona mazimamkele u Krestu zingahetshwa ngamasiko, nezitete zobu Yuda,— "nizile izinto ezibingelelwa kwizitixo, negazi, nento erwitshiweyo, nombulo; enoti nakuzigcina kuzo, nibe niyalungisa." Verse 29.

Ezi Sosayiti nge Sosayiti ke ze Lizwi zase Yuropu, asikaziboni ziwutabata lomzekelo waba Postile; pofu i Lizwi lona lixingile, ziyabona nazo ukuba kubuywa umva, endaweni yokuhambela pambili. Enyanisweni sike safuna ukuzipengelula ezindawo ngemini zamzuzu; koko busuke obu base Yuropu ubu Krestu banyanzelwa ngemikosi, exobe inkanunu,

neruluwa, netolongo,—wati nomfundisi wase Yuropu ehamba wabe apahlwe yimikosi; ati apo amise umzana kona kubeko nebalakisi yamajoni ecaleni. Zihleli ke izizwe zika Ntu, zake umkanya, kungengako ukuba zimtiyile um-Triniti Oyingcwele,—hayi zixakwe zizitete, namasiko nemikwa yase Yuropu yobuzwe. Zaye izikolo zibuye umva ngokulihlazo, kuba zati kanti zibamba imfungumfungu eyonakalayo engebubo ubu Krestu. Nizakubuza ke nina bantu bakokwetu kwami niti, utsho usiti makutinina ke?

Impendulo yam iti,—u Krestu asisayikuze simbone, singatanga kuqala salilumkela eli—gwele lizezi zitete zase Yuropu, sizalisekise izi—Balo esiti: "Kanjalo ubukumkani bamazulu bufana nomnata owaposwa elwandle, wahlanganisa kwintlobo zonke. Abate wakuzala bawurolela elunxwemeni, ke bakuhlala pantsi bazibutela ezintle ezityeni, bazilahla ke ezimbi." Mat. 13: 47-48.

Imposiso yabadala betu eyimposiso yetu nati bezimini kukungazipenguluIi izi Balo, sisuke sijonge kumfundisi sibe sigqibile, silibale ukuba ngumntu, unezitete zakowabo. Ibandla elincomeka ubuntu lase Bereya kutiwa ngalo: "Ezincina izi Balo imihla ngemihla, ukub[a] zingaba zinjalo na ezizinto." Zenzo 17: II. Ngako oko.—

Hi—awu!
Ngubanin' ongevanga,
Ngokufa ko 1926?
Nokutwasa ko 1927?
"Ngoko kwakungoko,—
Ngoku ke kungoku!"

Utwasela nin' umnyaka Io
Kanti nje nongoku kusenjalo?
Awushumayezi tina na
Ukuba "ngoko kwakungoko
Ngoku ke kungoku?"
Ingoku ke lifun' okwalo.

Taruni zizwe ze Afrika!
Taruni ma Kush' amahle!
Nina baka Mteto ka Mteto!
Nina bazwe lahlulwe yimilambo!
Taruni midak' emnyama!
Taruni midondosholo!

Ezintenteni zenu zizwe!
Ngexesha lenu bekuk’ umanyano;
Bekuk’ imvisiswano notando;
Bekuk’ imbeko nentlonelwano;
Inkosi zihlonel’ u Qamata;
Abantu behlonel’ inkosi;
Intsap’ ihloneT abazali.
Namhla kulaul’ u Ratshi no Qinga!
Into zika Ntlebendwane ka Mona!
Izikulu zase Luhanahaniso;
Imikuhlan’ emikul’ elizweni.
Hay’ olunqulo lupelis’ ubuntu!
Hay’ olunqulo lukup’ intliziyo!
Sifunze kakubi makowetu.

Nonyakanje masibamban’ izandla,—
Int’ etisitelekisa siyibonelele.
Ba Tshwana nani ma Ndebele,—
Bambanan’ izandla bafondini!
Ma Swazi nani be Sutu,—
Bambanan’ izandla bafondini!

Ma Zulu nani ma Ngwane
Bambanan’ izandla bafondini!
Ma Baca nani ma Mpondo
Bambanan’ izandla bafondini!
Ma Gaza nani Bahlambeli
Bambanan’ izandla bafondini!

Ma Xosa nani Mamfengu:
Wayetenina kanen’ u Ntsikana?
Wayet’ “ama Mfengu’ ayakudlula,
Kodw’ ekubuyeni kwawo.
Ayakubuya selekwanini.”
Kanitsho kuxa kupina—ke?
Ngoko bambanan’ izandla bafondini!

Bafondini basema Xoseni,—
Nanz’ intombi zetu ma Mfengu!
Bafondini basema Mfengwini,—
Nanz’ intombi zetu ma Xosa!
Lomnyaka mawube nenguqulo,
Mawube nezigede neziqungquluza
Bambanan’ izandla bafondini!

Nonyaka masibe no Tixo,
Esasinaye kwasemanyangeni;
Simnqule ngesiko lakowetu
Lembeko, lotando, nentlonelo.
Bizanani ngamakwelo madoda,
Namhla makuhlanjwan’ induma!

Idyokwe ke Yesu ilula,
Yidyokw’ emnandi kanjalo;
Kub’ u Mniniy' uhlel’ eko
Etwalisana notwele yona;
Kub’ eyake naye yamsinda
De kwavel’ umtwalisi wayitwala.
Tetanani kakuhle madoda.